PARLIAMENT
OF THE REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# VAKALISA ULUVO LWAKHO

## *UMthetho oYilwayo woLwabiwo lweNgeniso [B5 – 2026]*

**Iziphakamiso noVakalisozimvo**

**Ikomiti eKhethekileyo yoLwabiwomali imema abachaphazelekayo nemibutho enomdla ukuba ingenise iziphakamiso ezibhaliweyo kunye/okanye yenze intetho ngomlomo malunga no*Mthetho oYilwayo woLwabiwo lweNgeniso* [B5 – 2026]. Lo Mthetho oYilwayo wathiwa thaca kunye nohlahlolwabiwo mali lwesizwe lowama2026/27 nguMphathiswa wezeMali ngomhla wama25 kweyoMdumba 2026. UMthetho weMithetho eYilwayo yeMali neMiba eNxulumene nawo, onguNombl 9 wowama2009 [njengoko uhlonyelwe nguMthetho we13 wowama2018], ufuna iPalamente ibambe iindibano zovakalosozimvo zoluntu ize yenze ingxelo ngayo yonke le Mithetho eyilwayo.**

**Indibano yovakaliso zimvo zoluntu malunga no*Mthetho oYilwayo woLwabiwo lweNgeniso* [B5 – 2026] iya kuqhutywa yiKomiti eKhethekileyo yoLwabiwomali ngoLwesithathu, umhla wama25 kweyoKwindla 2026. Ukungeniswa kweziphakamiso kunye/okanye ukubonakalisa ukuba nomdla wokwenza intetho ngomlomo kufuneka kwenziwe ingabethanga intsimbi ye16:00 ngoMvulo, umhla wama23 kweyoKwindla 2026.**

**Iziphakamiso kufuneka zingeniswe ngqo kooNobhala beKomiti, uMnu L Nodada (Lnodada@parliament.gov.za okanye 083 412 1526) noNks E Grunewald (egrunewald@parliament.gov.za okanye 071 363 2257)**

**Ikopi zoMthetho oYilwayo ziyafumaneka kuwww.parliament.gov.za nakuwww.treasury.gov.za.**

**Sikhutshwe ngoHloniphekileyo uTI Legwase, iLungu lePalamente, uSihlalo: weKomiti eKhethekileyo yoLwabiwomali (eNCOP).**

ISIXHOSA